

## 2023: Ukungxamiseka kwangoku

Somlomo oBekekileyo,

Malungu aBekekileyo eKhabhinethi yeNtshona Koloni,

Nkokheli eBekekileyo yeQela eliPhikisayo

Malungu aBekekileyo ale Ndlu,

Bamenywa abaBekekileyo abakhoyo apha namhlanje,

boNondaba,

Bantu beNtshona Koloni,

Ndinelunda ukuvakalisa kuni iNtetho yeSimo sePhondo ka2023. Kuhle ukubuyela kwisihlalo sepalamente yethu.

Kwisithuba sonyaka odlulileyo, sasisabanjwe ngobhongwana ngumbulalazwe, izinto emazingenziwa kunye nohlobo lwe-omicron. Kuye kwafuneka ukuba omnye nomnye athembele komnye yaye uninzi lwethu luphulukene nabasenyongweni. Kwiqoqo lethu siye saphulukana noMbhaxeshi oyiNtloko uLorraine Botha. Uvukelo lombuso ozimeleyo wase-Ukraine ngummelwane walo olikolonyali iRussia libe nefuthe kwihlabathi ngokubanzi, yaye sisajongene nokuqhambuka kwentlekele eyinyikima eTurkey naseSiriya ngeCawe yeveki ephelileyo. Unyaka ophelileyo usithwaxe sonke. Njengeenkoheli sinemvakalelo emandla yoxanduva kubemi bethu. Ngo1963, uMartin Luther King Jr wathi,

“Kungoku nje sijamelene nenyano yokuba **ingomso linamhlanje**. Sijamelene **nokungxamiseka okumandla kwexesha langoku**... Eli ayiloxesha lakungazi okanye lokukholiseka yinto yonke. Eli lixesha **lentshukumo emandla nentle**.”

Ndiyayiva la mvakalelo **yongxamiseko olumandla lwexesha langoku** rhoqo ndincokola nommi, umninishishini elisakhasayo okanye umsebenzi wombuso. Siyifun' apha namhlanje intshukumo engxamisekileyo eza kuncedisa kwingomso. Njengorhulumente weNtshona Koloni, sinikezela ngomhlakulo ocacileyo kubahlali bethu, hayi izicwangciso okanye iintetho ezingento, kodwa **intshukumo ebonakalayo nephathekayo**.

Ndiyazingca ngokuba yiNkulumbuso yeli phondo. Ndiyayazi eyokuba unyaka ebengonzima kakhulu kuthi sonke, kodwa ke yonke indawo endihamba kuyo ndibona abantu abathabatha intshukumo: abemi abaphakamayo; abanimashishini bezifumanela amathuba okuphuhla kwanomntu wonke nje ezizamela. Njengorhulumente siyakwazi ukubaluleka kwendima yethu ekwakheni imeko apho sonke singakhula kuyo ze siphakame. Yiyo le nto ndixhakamfulwe kanobom

**kukungxamiseka okumandla kwangoku**, singenzeli eli phondo kuphela kodwa sisenzela **uMzantsi Afrika ngokubanzi**.

### **Intlekele yoMbane**

Oku kuqala ngendlela esiyilwa ngayo le ntlekele yombane.

Oku kuphikisana kakhulu norhulumente wesizwe ophezu:

- kokuqesha umphathiswa omtsha wombane ngendleko enkulu kumhlawuli werhafu;
- kokumisela izicwangciso eziphikisanayo ezineenkukacha ezingephi;
- kokudala inkxalabo yokuba isimo esitsha sentlekele siya kukhokelela ekuzithaphuleleni kwiimali zabemi boMzantsi Afrika, imimiselo engenangqiqo; kunye
- nokwandisa ukufumbana kwamagunya “kwiSebe likaMongameli elithathela kulo konke”.

Ndimema uMongameli uCyril Ramaphosa ukuba aqinisekise ukuba iSimo eSitsha seNtlekele silandela amanye amanqanaba alula esathi sawathabatha ngethuba likabhuhane oyiCOVID-19, ngenjongo yokuqinisekisa ukwanda kokusebenza ngokuphandle kwananokuthabathela uxanduva, nto leyo ifana **nokuphendula kwanokunikezela iingxelo kwipalamente**. Ngethuba lalo bhuhane, **le ndlu yowisomthetho kwiphondo** yamisela ikomiti eyayiza kuqwalasela yonke inkcitho karhulumente ebhekisele kwiCOVID-19 yaye ndiyawamkela umbono wokuba ipalamente yeNtshona Koloni imisele ikomiti ekumila kunjalo yokubeka iliso kule ntlekele yombane. **Sikulungele ukuphendula nokunikezela iingxelo!**

Iqela likarhulumente weNtshona Koloni libonisile ukuba xa sijamelene neemeko ezimaxongo nezeentlekele **siza namacebo amatsha ze sihambise iinkonzo**. Ngethuba leCOVID-19 iqela likarhulumente weNtshona Koloni lahlangana ze ngentsebenziswano nabemi bethu, sasabela. Ndisamumathe imimcili xa ndicinga ngendlela esasebenza ngayo:

- esona sibhedlele sikhulu esasisebenza kweli lizwekazi, **“iSibhedlele seThemba”**, kwisithuba seeveki ezintandathu;
- indlela isebe lethu lempilo elathi lazibhaqa liyinkampani yethu yothutho. Xa babebona imityangampo yabona bantu bethu abahlelelekileyo eziklinikhi, **basabela ngokuthi bahambise base amayeza emizini yabemi bethu;** kwanendlela
- esathi saphuhlisa ngayo **iziza zokugonya kungenwa ngezithuthi** ngenjongo yokuncedisa abantu bethu ekufumaneni ugonyo.

Sabonakalisa isimo esithi sikulungele ukwenza oku xa sasijamelene neembalela zika2017/18/19 ze ngentsebenziswano sathintela intlekele. Ndikhokelwa kakhulu ekubeni siya kuba nakho ukukwenza oko nangoku ngethuba lentlekele yombane.

Ukunikezelwa kombane akungomsebenzi karhulumente wephondo. Kodwa ke asiyi kungawuhoyi umsebenzi wethu wokukhonza abemi bethu. Sihlanganisa iintloko zethu, sitsala kwimbiza yethu enkulu yamava kurhulumente wethu, sisiza nesethu isicwangciso, sibe sayame ngokomelela esele sinakho.

Ukumisela isikhokelo kumalinge ethu, ndimisele **iBhunga loMbane leNtshona Koloni**, xa sasisesenchoyini yesigaba sesithandathu sokuphindaphindana konkinkisho lombane kunyaka ophelileyo. Futhi ke ekuqaleni kwalo nyaka, ndaqesha owayesakuba ngusomaqhuzu wakwaEskom uAlwie Lester ukuze asincedise kwilinge lethu lokwenza luqilima imiba yombane. UMnumzana Lester uza **nobutyebi bobungcali nolwazi yaye sele eyinxalenye** enegalelo elimandla kwiqela lethu. IBhunga loMbane ligxile kwintlekele yexesha langoku kodwa nakuleyo yexesha elide. Siqulunqa isicwangciso sombane seli phondo elisabela kwimeko yethu yexesha elifutshane.

### **Ukhuseleko lombane kuManzi, iWIFI kunye neMpilo**

Lo rhulumente uyangenelela ngenjongo yokuqinisekisa ukuba ezona zidingo zingundoqo kubemi bethu ziyakhuselwa ngethuba loku kucinywa kombane kungenalusini: abahlali bethu baluxanduva lwethu. **Senza la malinge emanzini, kwiwifi nakwiMpilo.**

**Amanzi kunye nempilo:** Mnumzana Somlomo, njengoRhulumente, siyaqinisekisa ukuba oomasipala banikwa izakhono zokuqinisekisa amanzi okusela akhuselekileyo kwakunye neziseko zophuhliso lwelindle ezisebenzayo ngethuba lolu cimo lombane luqhuba okokoko ngokuthi kukhutshwe into esondele kwi**R89 ezigidi** zenkxasomali ekhawulezileyo. Le mali iya kusetyenziselwa ukuthenga iijenareyitha zokuncedisa ngenjongo yokulungiswa nokunikezelwa kweenkonzo zamanzi. Zikho iinkqubo zokuqinisekisa ukungasetyenziswa gwenxa kwamagunya ngenjongo yokuqinisekisa ukuba iimali zisetyenziswa ngendlela evulelekileyo, **yaye zikhutshwa ngokulandela imigaqo eluqilima.** Siyakuhlola nayiphi na iRandi ngenjongo yokuqinisekisa ukuba iimali ezingxamisekileyo zisetyenziselwa ukugcina iinkonzo ziqhuba kakuhle kangangoko.

**IWIFI & nothungelwano:** Sele ndihlangene noSomaqhuzu wakwaVodacom kunye noSihlalo weAssociation of Communications & Technology (iACT), ukuze ndiqonde ngokucacileyo oko bakwenzayo **ukuqinisekisa uthungelwano xa umbane ucime ixesha elide.** Kudingeka ukuba sihlanganeni sonke ukuze siqinisekise ukuba ebemi nabahlali bethu bayafikelela kwiinkcukacha. Ngethuba lentlekele kubalulekile ukufikeleleka okuthembakeleyo kwiinkcukacha ezicacileyo neziqondakalayo kuze kuncedakale abemi babe nakho ukuzenzela izigqibo bona kunye nabasenyongweni ngomba wamanzi okusela akhuselekileyo. Kukwangesi sizathu ukuba ndiza kube ndiqalisa

ngeedigicons zam zarhoqo ngeveki, endandizisindleka ngethuba likabhubhane, ngenjongo yokunceda ebemi kunye namashishini ukuze aqonde ukuba kwenzekani na ze afumane neempendulo kuthotho lwemibuzo esinayo sonke.

Sele siyenzile le ntshukumo, sibonakalisa ngokuphandle olwa *ngxamiseko lumandla lwangoku*, kodwa ke sikwayiqonda neyokuba kufuneka siphakame ngoku sisenzela *ingomso*.

Ndicele isebe lemali kwiphondo ukuba linikezele into edlula kancinci kwi**R1 yesigidigidi ukuze kusatyelwe kwintlekele yombane** ikwisithuba sesabelomali seminyaka emithathu. Oku kucetyelwa ukuze:

- kusatyeelwe **kwifuthe lethutyana lonkinkishombane** ngoku kwiinkonzo zikarhulumente;
- **amafuthe edizili akhuselekileyo** ukuze kugcinwe iinkonzo ezibalulekileyo ziqhuba ngethuba lonkinkishombane – asikufuni ukusilela kwamandla ombane kwenye yeICU zethu;
- **kuncede ekukhuseleni izikolo kunkinkishombane** – imfundo yabantwana bethu kufuneka ize kuqala;
- **kunike amakhaya ahlelekileyo iipekhi zombane ongxamisekileyo** ezincedisa ekunciphiseni ifuthe lonkinkishombane kwimisebenzi yamihla le – wonke umntu ukususela kubanonopheli ukuya kubafundi kufuneka bevuke kwisithuba seyure ngaphambili ukuze balungiselele suku; ze
- kuncediswe amashishini asakhasayo, asakhulayo nakhulileyo ukuze kube nokukwenziwa uvavanyo nokumiselwa kwamanye amacebo okunikezelwa kombane.

Kuyo yonke imiba ehlangene namandla ombane sibanjwe ngobhongwana koku *kungxamiseka kumandla kwexesha langoku*.

Kuluchumanco kum ukwamkela uAkhona Winisi njengomnye weendwendwe zam ezizodwa namhlanje. UAkhona ufundisa kwiKholeji yaseFalse Bay College eWestlake kwalapha eKapa, uhlwayela imbewu kwisizukulwana solutsha lwethu ukuze lube “ngamaqhawe ombane oveliswa lilanga”. Kunyaka ophelileyo ndawonye noMphathiswa weMali naMathuba oQoqosho uMireille Wenger wancedisa ekumiselweni kwesidanga seSolar Photovoltaic (SPV) esitsha nesinika udlamko ngokoncedo kweBhunga leNkulumbuso leZakhono. Esi sidanga – esinikezelwa luthotho lweeKholeji zeTVET ezikweli phondo – siya kubaluleka njengoko silenza luqilima eli linge lokuqinisa amandla ombane ngokuthi kwenziwe luqilima imakethi enkulu nekhulayo yombane oveliswa lilanga. Qhubani nokwenza lo msebenzi mhle kangaka, Akhona. Sizidinga zibe ninzi kangangoko iingcali zombane oveliswa lilanga njengoko sinakho ukuziqeqesha ukuze zibe nokusinceda siyeke ukuxhomekeka emalahleni.

## **Ubuqilima baMandla oMbane kaMasipala**

Elinye ilinge eliphambili lokungenelela lalo rhulumente ekuzameni ukusombulula le ntlekele yombane sisicwangciso soBuqilima bamandla oMbane kooMasipala, sona esiyinkqubo karhulumente wenqanaba lengingqi ephuhlisa, exhasa ze ixhobise ngezakhono koomasipala bephondo lethu ukuze kumiselwe amaphulo Amandla ombane ovuselelekayo. KwiNtshona Koloni ngokubanzi, ama**6 756 ezicelo zePV** ezisele ziphunyeziwe ngoomasipala, eziphethe **Amandla apheleleyo ali197 eeMW**.

Ukumiselwa kwale nkqubo kuqhuba kakuhle kakhulu yaye kubonakalisa iziphumo kungoku nje:

- ISixeko saseKapa:
  - Ngumasipala wokuqala eMzantsi Afrika **ukunikezela ngemali ukuze kufumaneke umbane;**
  - sele sibakhusela abahlali baso **kumanqanaba amabini lonkinkishombane;**
  - sinikezele **iR132 lezigidi** kwidizili nama**R25 ezigidi** zokugcinwa kwedizili;
  - **iijenerayitha ezinxibelelanisayo** kwizikhululo ezingama62 zeempompo zamanzi, izicwangciso zokunyangwa kwamanzi angcolileyo ezingama26 kunye neempompo zelindle ezili110.
  - songeza **i70MW** Amandla ombane oveliswa lilanga kwipotofoliyo yaso, asasazwa kumaphulo aseAtlantis, elaseFlakeni nelasePaardevelei;
  - saqoshelisa isigaba sokuqala sentengo ye**200MW** amandla ombane ezelelweyo kunyaka ophelileyo; yaye
  - kungoku nje sikhupha ithenda yamandla ombane asasazekayo, ekulindeleke ukuba ize ne**500MW** Amandla ombane ubuncinci kwigridi yeKapa.
- **IGeorge** inesikhokelo esiqhutywayo yaye iqhuba iphulo elisazanywayo ngokweshishini lamandla ombane ukuze kunikezelwe umbane. Ngokusetyenziswa kweenkqubo umsebenzi osaqhutywayo okwangoku ngentsebenziswano noRhulumente waseKapa, kuya kuqhutywa ezinye iinkqubo zombane ohambayo koomasipala kungekudala;
- **IMossel Bay** ixhasa amandla ombane asuka kumashishini abucala nasusela kubuchwepheshe benkukuma, ndawonye nendlela anokuvulela ukusetyenziswa kweentsalela eziphuma eMossgas ndawonye nendima aya kuyidlala ekuguqulweni kwama3000 MW amandla ombane asusela kumandla erhasi;
- **IStellenbosch** isecebeni lokuthenga amandla ombane kumashishini aZimeleyo Avelisa uMbane;
- **ISaldanha** yakha kwindawo ekuyo ukuze ibe nokuba yindawo yamandla ehayidrojini esusela emanzini. Ndiyazingca ngentsebenziswano esisayiqhubayo phakathi kwethu noMntla Kapa ekwakhiweni kwekhorido yehayidrojini esusela emanzini, endiya kuthetha ngayo kungekudala.

Futhi ke oomasipala kwiphondo lethu ngokubanzi, kanye njengeKapa, abeka iimali zedizili ecaleni. Umba esiseseshweni ngawo kukuba le mali ithathwa kwiinkkonzo ezibalulekileyo zoomasipala ngenxa yokusilela kukarhulumente wesizwe kwanokungabi nakuthabatha ntshukumo.

Ngelixa eli phondo lisabonisa **ukungxamiseka kumandla kwexesha langoku**, libe libeka iimegawathi ezongezelekileyo kwigradi, urhulumente wesizwe usongeza abaphathiswa.

### **Amandla ombane avuselekayo/ukutyalela uqoqosho olukhokelwa zezingendalo**

Urhulumente weNtshona Koloni ukwilinge lowandisa ubuqilima bamandla ombane, hayi nje ukuthintela ifuthe lonkinkishombane kuphela ndawonye nomonakalo olandelayo ngokwezoqoqosho, kodwa kwakunye nokuvakalisa ifuthe elimandla lecandelo lokuveliswa kwamandla ombane, ingakumbi **uqoqosho olumiselwe kwiingqwalasela ezingendalo**, uye ekubeni ekwazile ukuba ukukhuthaza ukuphuhla, watsala utyalomali ze kwadaleleka nengqesho.

Ukususela ngo2011 eli candelo lize namalunga neR18 lezigidigidi lotyalomali oluthe ngqo. Le **yimakethi ekhula ngamandla, esisayikhulisayo ukuze iye kufikelelela kwawona maqondo ayo aphezulu**.

Ngenyanga yoMnga ndityikitye **iSivumelwano sokuQondana** kunye nogxa wam okuMntla Kapa, iNkulumbuso uZamani Saul, akwingqungquthela yoMzantsi Afrika engeHayidrojini esusela eManzini kwalapha eKapa.

NjengoRhulumente weNtshona Koloni, sisebenzisana namahlakani ethu, ayiGH2, uRhulument woMntla Kapa, iFreeport Saldanha Industrial Development Zone kunye namahlakani asuka kumazwe ngamazwe, afana norhulumente waseNamibia, ukuze **kusetyenziswe nangakumbi amandla ehayidrojini esusela emanzini** kumandla wethu.

Kwiphulo lethu i**Just Energy Transition**, apho ilinge lethu leGH2 luyenye yamahlakani, ludinga ukuba siguqukele kumandla ombane athembakeleyo naveliswe ngeengqwalasela ezingendalo. Oku akuyi kwehlisa isantya sentlekele yeenguqu kwimozulu kuphela ze kwehliswe izinga lokuxhomekeka kwethu kumafutha efosili koko kuya kunceda ekomelezeni isakhono sokuveliswa kwamandla ombane, ngelixa kunikezela amathuba amatsha orhwebo nokuthengiselwa kwamazwe angaphandle ngokwenkqubo yombane oveliswa ngeengqwalasela ezingendalo.

Somlomo, ilinge lethu lokusebenza, ndawonye nempumelelo yethu ekwenzeni oko, zitsala umdla wabantu abasuka kwezinye iingingqi zoMzantsi Afrika zibabizela kwiphondo lethu. Siyavuya ngokuba nikhethe ukuzisa amandla nezakhono zenu apha, kwanokwenza iNtshona Koloni ikhaya lenu. Iziseko zophuhliso ezithembakeleyo, ezifikelekayo ngundoqo wesithembiso sikarhulumente wethu, futhi ke ekuzeni nentetho kaMartin Luther King Jr, **sakha unamhlanje sisenzela ingomso** apha.

## 'Iziseko zophuhliso kwezemfundo

ICovid-19 yayithwaxa kanobom inkqubo yethu yemfundo. Kodwa ke kuba abafundi nootitshala bethu bathi babuyela eziklasini ngokupheleleyo, sithe sanakho ukuloyisa ifuthe lokuphulukana kwethu nexesha lokufunda nokufundisa kwangethuba lalo bhubhane.

Icandelo lethu lezemfundo laxomoloza lagrumba nzulu nangakumbi ukuzama ukubuyisa ixesha esaphulukana nalo laseklasini ze landisa isimo sephondo ngokwemfundo yezikolo. Nangakumbi ke, ifuthe lotyalo lwethu kwiziseko zophuhliso libonakele lubalulekile.

Ngenyanga yoMnga, ndithe ndawonye noMphathiswa weMfundo kwiPhondo uDavid Maynier savatha iminqwazi yethu ze satyelela isiza esiseDelft apho besisakha isikolo esitsha.

Isikolo samaBanga aPhezulu iRosendaal siyinxalenye yelinge lethu elingafaniyo naliphi na elinye leziseko zophuhliso zezikolo, inkqubo **iRapid School Build Programme**. Iya kunikezela amagumbi amatsha okufundela angama842 kulo nyaka apho angama662 kuwo sele akhiwe.

Ukunikezelwa kwemfundo esemgangathweni kuqala ngeendonga ezine kunye nophahla ngenjongo yokuqinisekisa imeko yokufundela endilisekileyo kubahlohli nabafundi bethu. Lo rhulumente wandisa indawo zokufundisela nezokufundela ngelixa anika ingqwalasela nemiba yeqonga lezobuchwepheshe kwezemfundo. Wonke umntwana unelungelo lokufundela kwindawo kwanakwimeko ekhuselekileyo nenika umdla.

Olu ke lutyalomali oluluqilima kwingomso lethu: elingabantwana bethu.

Siyabulela kuni nonke magosa, mahlakani karhulumente, zikontraka, ndawonye kunye nabasebenzi basezikolweni ngokusebenza nzima njengoko nenzile.

Isantya nomgangatho walo msebenzi ziyakhuthaza, yaye ndinibulela ngokungazenzisiyo ngoko.

Inani labafundi abakwizikolo zephondo lethu lande ngomyinge we**17 900 labafundi rhoqo ngonyaka kwisithuba sesihlanu seminyaka edlileyo**. Kulo nyaka sele sifake ngaphaya kwe120 000 labafundi beBanga 1 nabeBanga 8 yaye sisekwinkqubo yokufaka abanye abafundi abaseleyo abali1 400, uninzi kubo olufake izicelo ezifike emva kwexesha kakhulu ezenziwe ngenyanga yoMqungu yalo nyaka.

Ukugcina umgangatho wewethu ophezulu kwezemfundo kwanokulawula inani labafundi bethu elandayo, iSebe leMfundo kwiNtshona Koloni lithe kutsha nje **laqesha**

**i1 143** lootsitshala **abongezelelekileyo** yaye asipheleli apha. Kunyaka osezayo siceba ukongeza abanye abahloli abongezelelekileyo bomgangatho wokuqala abangama430.

Izinga lentlekele yonkinkishombane lichaphazela zonke iinkalo zobomi, kuquka imfundo ezikolweni. Kodwa ke iSebe leMfundo kwiNtshona Koloni lisebenzela ukgcina ikharithulam isami ngendlela, ngokwala malinge alandelayo:

- **Izikolo ezingama41 zingene kwizivumelwano neenkampani ezisibhozo** ukuze kufakelwe izisomblulo zamandla aveliswa ngelanga;
- Ngaphezu koku, iSebe linceda izikolo ukuba **zifakele izibane ezitsha ezonga umbane apho bekukho khona izibane eziqhelekileyo**. Zizikolo ezingama25 ezifumene inkxasomali kunyakamali u2022/23 kuze zifakele izibane zeLED;
- ISebe likwenza uphando **ngokufakelwa kweephaneli zePVbane oveliswa ngelanga kuzo zonke izikolo ezitsha nezibuyiselweyo**.

Utyalomali lwethu kwimfundo luvelisa iziqhamo yaye ndiziva ndinelunda ngeKlasi yeMatriki ka2022. Izinga lethu lempumelelo lenyuke ngomyinge wama**81.4%**, ngelixa kwangaxeshanye **sizuze izinga lokubagcina elisondela ku70%**, nto leyo ikhokelele ekuphumeleleni kwabafundi bematriki abangama49 102.

Bahlanu abafundi baseNtshona Koloni ababe phakathi kwabona bagqwesileyo nabahlakaniphe kakhulu kMzantsi Afrika ngokubanzi:

- UKelly Prowse weSikolo samaNtombi samaBanga aPhakamileyo saseRustenburg wanakanwa njengomfndi obe semanqwanqweni kwiKhawintayile 5, obe ngogqwesileyo kwizifundo zeZibalo, ze wabambisana ngesikhundla esigqwesileyo kwilizwe ngokubanzi!
- USimone Louw weSikolo samaBanga aPhakamileyo aseBloemhof ube kwindawo yesibini kuKhawintayile 5, ngelixa uKenneth Janson weSikolo samaBanga aPhakamileyo iJongenskool Paarl yena ebe kwindawo yesithathu kwakweli nqanaba linye;
- U-Athenkosi Khonzani weZiko leNzululwazi noBuchwepheshe yena uthe wawongwa ngendawo yesibini kwisigaba sikaKhawintayile 3;
- ze uJason de Villiers weSikolo samaKhwenkwe sabaBanga aPhakamileyo saseRondebosch ube ngumgqatswa okwindawo yesibini kwiZibalo.

Siyavuyisana nani nonke **ngeenzuzo zenu ezimandla!** Oyena mgqatswa uphambili kwilizwe ngokubanzi uye aphume kwiNtshona Koloni kwisihlanu seminyaka emithandathu edlulileyo. Futhi ke oyena ube semanqwanqweni kwizifundo zeZibalo uphume kweli phondo lethu kewisithuba seminyaka emine edlulileyo ilandelelana.

Siyazingca ngabafundi bethu, uninzi lwabo abathi bathubeleze kwiinzima ezinkulu ukuze babe bazalisekisa iminqweno yabo. Phakathi kwaba bafundi banika umdla



kangaka kukwakho noLuca Crouse othe wawongwa ngeMbasa kaMphathiswa ngokuthi aphumelele phantsi kweemeko ezimaxongo. ULuca uphila neSifo esichaphazela ukuThetha, esisisigulo esichaphazela isandi sokuthetha esimthintela ekbeni anxibelelane ngokomlomo. Ekuchopheleni iimviwo zakhe, ebedinga umqulunqi oza kuzinzisa izandla zakhe ukuze abe nokukwazi ukubhala. Ubukrothi bakhe buye babonakala: uzuze umyinge wama82% kwiSiqinisekiso seMatriki sika2022 esihamba neeDistinkshini ezine. Ukukunika imvakalelo yezinto athe wzooyisa, uLuca ebekhe ahlale isithba seeyure ezintlanu ukuya kwezintandath ngexesha ukugqiba iimviwo zakhe.

Esi sicwangciso simisela injongo ebanzi nengumnqweno weNtshona Koloni **wokukhulisa uqoqosho lwephondo phakathi kwe4% ne6% ngo2035**. Injongo kukuphemelela nokukhuthaza ukukhula kwezoqoqosho ukuze kufikelelwe kwiGDP yephondo ekujoliswe kuyo ngo2035. Oku kuya kudinga **umndilili wokukhula wonyaka we3.8% kude kube ngu2035, nto leyo eguquleleka kwimisebenzi eyi600 000 emitsha**. Ikhuthazwa ngumbono wokuphumeza uqoqosho oluzinzileyo, olwahlukileyo, noluhlumayo, olunika ithemba nempumelelo kubahlali bethu. Njengazo zonke iinkqubo zethu, isekelwe kwidatha kunye nobungqina, obubandakanya nendlela karhulumente wonke.

Inxalenye ephambili yesi sicwangciso **kukuvumela-ukukhula -okukhokelwa- licandelo labucala** kunye nomsebenzi wamashishini, oosomashishini, kunye nabarhwebi abangekho sikweni abakhono labo lokukhuphisana nobuchule bokudala imisebenzi buxhomekeke kwiinkonzo esizininikezelayo. Sisikelelwe ngetalente eninzi ekulungeleyo ukuthatha amathuba. Sonke besibona sibone igumbi lenji lethu loqoqosho liphucuka ngexesha leziyunguma – enkosi ngokubaliqabane lempumelelo. Siya kuhlala sikuxhasa kwaye sisabela kwiimfuno zakho njengoko oku kunenzuzo kuthi sonke.

Ungxamiseko oludingekayo ekujongeni nentswela ngqesho luvela kugxininiso lwethu kwintsebenziswano. Asisebenzi sodwa, okanye kwizisele, sisebenza sonke.

### **Ungenelelo lolutsha**

Ingxaki yentswela ngqesho kweli lizwe yingxaki enkulu. Ngelixa amanani engqesho eNtshona Koloni engcono kunelizwe lonke, kusekuninzi ekufuneka kwenziwe ukuze kukhule imisebenzi.

Kwikota yesithathu ka2022, abasebenzi eNtshona Koloni bebeyi 4, 92 yezigid zabantu. Bekukho abantu abayi1,7 sigidi ebebengancedisi kwezoqoqosho, kuquka abantu abayi121, 000 ababedimazekile bekhangelana umsebenzi.

Kufuneka sizixhalabise ngakumbi ngokuswela ingqesho yolutsha. Ukuba umntu oselula uphelelwa lithemba lokufumana umsebenzi, ngokuqhelekileyo imiphumo iba mibi.

Ngaphandle komsebenzi nabani angaziva engenathemba. Lo rhulumente kufuneka uqinise onke amalinge okuvuselela imarike yemisebenzi.

Le mingcipheko yenziwa mandundu kukungaqeshwa. Ulutsha olungaphangeliyo lukwinqanaba lentlekele.

**Sisebenzisana neYES** ukulinganisela amathba olutsha eNtshona Koloni ngokugxila ngokukodwa kukhenketho kuquka ukwenza iNtshona Koloni ibe likomhulu lemisitho eMzantsi Afrika, uqoqosho lohlaza kunye nombindi wombane, kunye ICT noqoqosho lobuchwepheshe bobuxhakaxhaka bale mihla. Onke la ngamacandelo okuhlumisa ephondo. Sihlaba ikhwelo kwicandelo labucala ukuba babambisane nathi ukulungisa ingxaki yentswela ngqesho kulutsha kwaye kwangaxeshanye baxhathise ubuchule bokuyila nokuyila okutsha kolutsha lwethu ukuvuselela la macandelo abalulekileyo.

Ngobudlelwane bethu noYES siye sazibekela **ithagethi yokuqala ka2023 amathuba ayi3000, i300 yawo eza kuyilwa kwiinyaka ezintathu ezizayo**. Oku kokhela kumathuba **ayi10 000 enkonzo yokuqala yomsebenzi/yolutsha** adalwe nguRhulumente weNtshona Koloni ukulungiselela ulutsha.

Sinceda abantu abatsha bafumane kwaye baphonononge izinto abazithandayo ngokuxhasa **iInkqubo zaseMva kweSikolo (ASP)**. Umzekelo, ngabantu abayi739 abaqeqeshelwe ukuba ngabaqeqeshi, isininzi sabo siye **saqhubela phambili kumathuba angcono engqesho** okanye baqhubeka nezifundo zabo.

Abantu abatsha ababandakanyekayo nabanomdla banokuthi baphumelele kuzo zonke iinkalo zobomi babo. Amaxesha amaninzi iba ngabo banezibonelelo kuphela abanobunewunewu bokuhlola imidla nokufumana izinto abazithandayo – umsebenzi wethu kukuqinisekisa ukuba wonke umntwana unikwa eli thuba. Sizibophelele ekuqinisekiseni ukuba wonke umntwana uyakwazi ukwenza umthambo, ukudlala imidlalo kunye nokuba nobuchule.

Olunye ungenelelo olubonelelwa kubantu abatsha, ngakumbi ulutsha olusemngciphekweni, **yiChrysalis Academy**, iphulo eliyinxalenye yeSebe lethu lokuBeka iliso kubuPolisa noKhuseleko loLuntu.

I-Akhademi ibone ukwanda okukhuthazayo kwinani lezicelo ezivela kubantu abatsha abanqwenela ukwenza izifundo zayo zeenyanga ezintathu. **Kwizifundo zayo zangoku zabasetyhini, eziqale ngomhla we14 kweyoMqungu, ifumene izicelo ezisondele kuma2190 kwiindawo ezili230**. Oku kwalatha kumgangatho woqeqesho, uphawu lweChrysalis Academy, imfuno, kunye nekhondo lophuhliso elincomekayo elinikezelwa kulutsha kwiziko lemfundo.

Nge9 kweyoMqungu ka2023, iziko lemfundo liphehlelele inkqubo **yalo yokuqala esekwe kuluntu eAtlantis**. Yinkqubo elingwayo kwaye eza kuqhutywa iivekei eziyi8 kubantu abatsha abayi26 baseAtlantis oluphumelele imatriki, olungaphangeliyo.

Iintsapho ezinamandla zikhulisa ulutsha lwethu. Kukho imfuneko yokuchonga abantu kunye neentsapho ezisemngciphekweni kwangethuba. Ukomeleza isicwangciso sethu

soKhuseleko, iSebe loPhuhliso loLuntu lisindleleni yokunceda iintsapho eziyi 1 8000 ngeenkonzozo zocino lweentsapho kunye nabazali abaphezu kwe3000 ngeenkqubo zokukhulisa abantwana.

## **Ezolimo**

Awukho umzekelo wokomelela kunabalimi bethu. Xa uninzi lwamanye amacandelo ezoqoqosho aye achaphazeleka ngexesha lobhubhane, ezolimo zakhula, ziqinisekisa ukhuseleko lokutya kwethu.

Icandelo lezolimo lephondo “**lingumyili wobutyebi**”, linegalelo ekukhuleni kwethu nasekudaleni imisebenzi. Igalela malunga ne11% kwiGDP yephondo kwaye i55% yemveliso yezolimo yaseMzantsi Afrika iphuma kweli phondo.

INTshona Koloni isikelelekile ngokuba neefama ezininzi kunye noluntu olunesiphiwo, nolu nakho ukunyamezela, nolungenakudinwa oluthi nokuba kukho iimvula, imbalela, ubushushu, ukubanda kodwa lukwazi ukusondla ngesivuno. Emva komsebenzi obalulekileyo, okhokelwa leli sebe namanye, ndiye ndavuya ukubona **iprojekthi yomjelo wedama iBrandvlei** ivulwa ekugqibeleni ngoLwesihlanu weveki ephelileyo. Ndilindele **iprojekthi yedama iClanwilliam** nayo ide iqakunjelwe lisebe lesizwe. Iziseko zophuhliso ezifana nezi zibalulekile kuzinzi lwephondo lethu.

Nangona kunjalo, njengakuwo onke amanye amacandelo oqoqosho lwethu, ukomelela nokukhula kwalo kuohantsi komngcipheko wokucinywa kombane; isoyikiso esitshabalalisa iimveliso yeenkukhu kunye nombona – phakathi kwezona zinto zibalulekileyo zelizwe lethu zokutya.

Kwincwadi yam eya kuMongameli uRamaphosa, ndilumkise ngefuthe elibi elibangelwa kukunqongophala kombane kwezolimo. Izolo oku, sive ngamaxabiso okutya anyukileyo, omnye woonobangela ngunkinkisho lombane. Lingaphezulu **kwe180 000 inani lehektara zezityalo ezisisigxina, ezinexabiso elimalunga neR60 bhiliyoni**, zisemngciphekweni. Iziphumo ezimbi zingayintlekele. Uninzi lwabemi bethu sele lubandezelekile phantsi kweendleko zokuphila ezihlala zinyuka. Ukuba izityalo zethu ziyehla, amaxabiso okutya ayakonyuka ngakumbi kwaye umngcipheko wokungakhuseleki kokutya unokuba yinyani.

Ukhuseleko lokutya alukho malunga nomthamo wokutya nezinto ezivelisayo kodwa ngumba wofikeleleko. Ukunyuka kweendleko zokuphila kwenza kube nzima kakhulu kumakhaya amaninzi ukubeka ukutya okwaneleyo etafileni.

Ukunceda ukuxhasa ukhuseleko kokutya ndikhuthaza uluntu ukuba luqalise ukuzilimela iigadi zabo zokutya.

Kulo nyaka mali umiyo, iSebe lezoLimo lincedisise **ekukhuliseni iigadi zokutya zamakhaya ayi2 692, iiprojekthi zoluntu eziyi185, kunye nezitya zokutya eziyi28 zezikolo.**

Isicwangciso sethu kulo nyaka uzayo kukuxhasa **izitya zokutya zamakhaya angama3 000** nyaka ngamnye kwixesha eliphakathi, kunye **nezitya ezingama85 zabahlali kunye nezikolo zokutya.** Olu ngenelelo lunceda kwaye luphucule ufikeleleko ekutyeni nakwisondlo sasemakhaya nakwinqanaba lomntu ngamnye, ngokwenza oko kube negalelo kwintlalontle nakwimpilo zabemi bethu.

Kumzamo wethu wokuqinisekisa ukhuseleko lokutya, iSebe lezoLimo eNtshona Koloni liyaqhubeka nokukhawulezisa ukuphunyeka izicwangciso qhinga **zeNorish to Flourish Mobilisation.** Idibanisa amasebe ayi10 karhulumente, koomasipala engingqi, amaziko emfundo, icandelo labucala kunye neeNGOs ezisebenzisanayo ukuqinisekisa ukuba abantu bethu abasesichengeni bayondliwa.

ISebe lezoLimo eNtshona Koloni lincedisise ekuveliseni iajenda yenguqu karhukumente, inceda ukuzisa uluntu olwalufudula luvinjwe amathuba **kwicandelo lezolwimi.** Inkxaso yobonelelo mali olunemiqathango **yeR119, 697** yezigidi ifumaneka kwiNkqubo Nkxaso yezoLimo eBanzi (CASP) ukuze ixhase amafama asakhasayo. **I-Ilima/iLetsema yesibonelelo esinemiqathango ibone iR58, 993 yezigidi zeerandi** inikwe abavelisi abasakhasayo, okubandakanya iigadi zasemakhaya.

### **INtshona Koloni yindawo yokwakha**

Sidala imisebenzi eyongezelelekileyo kwiphondo lethu ngophuhliso lweziseko ezingundoqo – izixhasi esibalulekileyo sezoqoqosho.

INtshona Koloni isaqhubeka nokukhokela ilizwe ngexabiso lezakhiwo ezithe zagqitywa kulo nyaka uphelileyo.

Lo ngumlinganiselo obalulekileyo wokudala imisebenzi kwaye obonisa ukuzithemba okuqinileyo lwezoqoqosho lwethu. Ikwaluphawu olubambekayo lokuba sibeka phambili iimfuno zeziseko zophuhliso zabahlali bethu.

Ngo**2022**, kwapasiswa **i27% engaphezulu yezicwangciso zokwakha** kwiphondo xa kuthelekiswa nonyaka ongaphambili. INtshona Koloni irekhode **iR25 bhiliyoni yezakhiwo ezigqityiweyo** phakathi kweyoMqungu neyeNkanga kulo nyaka udlulileyo. Oku kumele **i40% yexabiso lilonke lezakhiwo zaseMzantsi Afrika** ezigqitywe ngeli xesha.

Phakathi kweyoMqungu neyeThupha ka2022, ixabiso lezakhiwo ezigqityiweyo eNtshona Koloni **beziyiR19.6 yeebhiliyoni**, nto leyo emele isantya sokukhula sonyaka nanyaka esiyiR42.1%, xa kuthelekiswa neR13.2 bhiliyoni yaseRhawutini, uokukhula yonyaka nonyaka engu8.7%.

Kwaxesha nye, ixabiso lezicwangciso zokwakha eziphunyezwe liphondo lifikelele **kwiR24.29 yeebhiliyoni**, nto leyo emele ukukhula nyaka nanyaka nge25.2%, xa

kuthelekiswa nebhiliyoni zeerandi eziyiR23.3 eRhawutini, ezikhula ngesantya esibi nyaka nanyaka nge-1.9%.

Izicwangciso zokwakha eziphunyeziweyo zagqitywa sisalathiso esikhokelayo sezoqoqosho, esibonakalisa intembeko kuqoqosho lwephondo. Ikwabonisa kakuhle kushishino lokwakha kunye nemisebenzi eyixhasayo.

Iinyanga ezilandelelayo ngoku **iNtshona Koloni iphumelele ukodlula iGauteng, olona phondo lwezoqoqosho olukhulu**, kuwo omabini amaxabiso ezakhiwo ezidlulisiweyo zagqitywa.

Oku kungokweenkcukacha manani ezikhethiweyo zezoBalo lwaseMzantsi Afrika zokwakha zecandelo labucala njengoko kuxelwe yingxelo yamaziko karhulumente wengingqi ekhutshwe ngomhla we20 kweyeDwarha ka2022.

### **Iziseko zophuhliso**

Ukutsalela ngakumbi utyalo mali kwiphondo lwethu, ukwenza ngcono icandelo labucala ukuba lincede ukuvuselela ukudalwa kwamathuba emisebenzi nokuhluma kufuneka siqhubee siqinisa utyalo mali kwiziseko zophuhliso. Kukwafuneka siphuhlise iidolophu nezixeko zethu ukuhlangabezana neemfuno zabemi abakhulayo. **Inani labemi beli phondo ngoku liku7,2 lwezigididi kwaye kuqikelelwa ukuba liya kukhula liye kutsho kwi8 yezigididi ngaphambi kuka2030.** Siphantsi koxinezelelo lokwandisa ngokumangalisayo iziseko zoncendo zikawonke wonke ukuhlangabezana neemfuno zamanani abemi akhulayo.

Umbono wokuseka iSebe leziSeko zoPhuhliso, eliza kuqala ukusebenza ngokupheleleyo ngomhla we1 kuTshazimpuzi kulo nyaka kukukhokela olu xanduva kuquka ukunikezela kwethu **ekwakheni namhlanje ukulungiselela ungomso.**

Njengoko siseka iSebe leziSeko zoPhuhliso, injongo kukubeka phambili ukubaluleka kokuphuhlisa nokugcinwa kweziseko zophuhliso ezibalulekileyo kwiphondo lethu, njengendlela yokuqinisekisa ukuba iindlela zethu, iibhulorho, iinkqubo zogutyulo kunye nezinye iiprojekthi zophuhliso, zikumgangatho ophezulu. Ndifuna ukubulela uSodolophu waseKapa **ngokugxila kutyalo mali lweziseko zophuhliso** ngokuzibophelela kwakhe kutshanje ekukhuliseni lweziseko zophuhliso zaseKapa **ngo110% kwiminyaka emithathu.** Kuyaphawuleka ukuba iKapa ngoku lichitha imali eninzi kwiziseko zophuhliso zoluntu kuneRhawuti.

Ezinye iiprojekthi zeziseko zophuhliso zeWCG ziquka:

- ukuphuculwa kwesiPhambuka sokucokisa kuhola wendlela uN7 okuqhubekayo sithetha nje,
- ulwakhiwo lwendlela yokudlula edibanisa iTR02101 kunye neTR02501 kuquka utshintshiselwano malunga **neMalmesbury,**
- **iStanford yaseGansbaai yokubuyisela isimo esiqheleni,** ngokunjalo

- iCalitzdorp yaseOudtshoorn yokubuyisela isimo esiqheleni yeNdlela iDistrict 1688. Olu tyalo mali, kunye notyalo mali kulondolozo olwenziwe ngamaqela ethu asebenza ezindleleni kulo lonke eli phondo luthetha ngokugila ekugcineni iziseko zophuhliso esinazo .

**IProjekthi yaseCogmanskloof** yenye yempumelelo yethu yeziseko zophuhliso endifuna ukuyiqaqambisa. Uphuculo – oluqale kuCanzibe ka2019 lwagqitywa kwisiqingatha saka2022.

Ngeli nyathelo linye kudaleke amathuba emisebenzi eyi600, okubonisa ukuba uphuhliso lweziseko zophuhliso sisixhobo esibalulekileyo sokuvula ukukhula kwezoqoqosho nokudala kwemisebenzi. Bubungqina bokuba njengorhulumente kuye kwafuneka ukuba sigxininise ngobukhali kuphuhliso lweziseko zophuhliso njengoko lungundoqo loluntu lwale mihla.

Le projekthi ibonisa into esikwaziyo ukuyiphumeza ngokusebenzisana kunye nokusungula izinto ezintsha. Uphawu olukhethekileyo **yiAshton Arch ephumelele ibhaso**; ibhulorho yokuqala yekhonkrithi ebotshelweyo kweli lizwe, eyakhiwe ngokustyenziswa indlela enqamlezileyo. Oku kubonisa impumelelo yethu yeziseko zophuhliso kwaye lithuba lokuzingca kubantu balo mmandla nakuRhulumente wePhondo.

### **Izindlu zokuhlala**

Kodwa iinzame zethu zokwakha uluntu olungcono ngokuzisa iziseko zophuhliso kunye neenkonziso ziphantsi kohlaselo lobuqhetseba lwamaqela emigulukuthu. Iqela lethu leziseko zophuhliso kufuneka lichithe izigid ukulwa naba baphuli mthetho. **Kuchithwa imali engangeR1,5 yezigidi nyanga nganye ekuqiniseni ukhuseleko kwiindawo ekwaxhiwa kuzo.**

Njengesiqhelo, ngabahlali abasokola kakhulu. Inani labaxhamli bezindlu abachatshazelwa kukuxhwilwa linyukile ngokumangalisayo kwezi nyanga zidlulileyo, ukusuka kwi18000 ukuya kutsho kwi21000 yabahlali. Kwaye abubobuqhophololo kuphela, **kuko nokubiwa kwamalungelo abanye abantu ekufumaneni izindlu ukuhlala ngokungekho mthethweni kwiziza** ezibekelwe izindlu zoluntu kunye nophuhliso oluxubileyo olufana neziza zaseHelen Bowden, isibhedlele iWoodstock nezinye iindawo. Le misebenzi ingekho mthethweni .

Ndifuna ukubulela amahlakani ethu, isiXeko saseKapa, iiarhente zethu zogcino mthetho, kunye nemibutho yasekuhlaleni ngokuthatha inyathelo lokuchasa la maqela olwaphulo mthetho. Ngaphandle kwale mingeni ibalulekileyo kukho impumelelo enkulu ekunikezelweni kwezindlu ekufuneka iqwalaselwe.

Kulo nyaka uzayo, iphondo lizibophelele **ekudaleni amathuba ezindlu eziyi9395.**

Inyathelo lethu **lokuNdincede ndiThenge iNdlu** liyimpumelelo ekhulayo. Sigqithile kwiinjongo zethu zokubonelela ngeeyunithi eziyi2 000 ulo nyaka. Sihambise iiyunithi eziyi2047 ngale nkqubo.

KweyeThupa, ndibenenyweba yokwabelana kuvuyo lwabaxhamli abafudukela kumakhaya amatsha kraca kwiprojekthi yezindlu **yaseDe Hoop eMalmesbury**. Inqanaba lokuqala leli phulo linikezele ngezindlu eziyi395. Ekugqibeleni iza kuyila amathuba ezindlu eziyi3 468.

Ulwakhiwo nalo luqalile **kwinyathelo lesifishi saseGoodwood** esibandakanya iiyunithi eziyi1055.

Sinikezele ngamathuba ezindlu zoluntu ezingama394. Phakathi kweeprojekthi kukho:

- IMaitland Mews eneeyunithi eziyi204;
- IRegent Villas eneeyunithi eziyi60;
- IConradie Park iSigaba soku1 esineeyunithi eziyi130, kunye nophuhliso lweConradie Park lunonke lunikezela ngeeyunithi eziyi3 500 ngokupheleleyo.

Kulo nyaka uphelileyo **ngamathuba emisebenzi eyi1 000 kwiiprojekthi zokwakha athe aqquzelelwa**. Sigqithisile kwinjongo yethu yokudala imisebenzi yelo xesha kwaye siza kuqhubeka sidala imisebenzi kwicandelo lezendalo ezingqongileyo.

Uvuyo endilufumanayo xa ndinikezela ngezitixo zendlu eyakhiwe nguRhulumente weNtshona Koloni phantse alunakuthelekiswa nanto. Ndithe “phantse” kuba kubonakala, uphakanyiso olubambekayo loluntu, nabahlali abanikwa isidma nokuzingca emakhayeni abo, kundizisela ulonwabo ngakumbi.

### **Ulwakhiwo lwezempilo**

Imbongi enguVirgil yakhe yathi: “Obona butyebi bukhulu yimpilo”. Ukunikezela ngenkathalo ezempilo olusemgangathweni kubahlali bethi kubalulekile ekuqinisekeni impilontle yabo ukuze baze babe ngabemi abancedisayo kwezoqoqosho.

Sithe gqolo ekwandiseni iinkonzo zempilo ukuhlangabezana neemfuno zamanani abantu awakhulayo:

- **Ikliniki yaseGansbaai** iphuculwe;
- Kwakhiwe ikliniki yosuku olutsha **eLaingsburg**;
- Iziko elitsha **iObservatory Forensic Pathology** Institute sele lisondele ekugqityweni;
- Isigaba soku1 seZiko leNgxamiseko esitsha **kwiSibhedlele iVictoria** sigqityiwe;
- Iiwadi ezintsha zabagula ngengqondo zigqityiwe eHermanus naseBredasdorp; kwaye
- Iziko elitsha lokwenzakala **kwisibhedlele saBantana iRed Cross War Memorial** alinakwenzeka ngaphandle komsebenzi weqela labo elinamandla lokunyusa imali.

Kwaye Somlomo. sityala imali **namhlanje ukulungiselela ingomso** kwiziseko zophuhliso lezempilo. Ukwakhiwa ngokutsha **kweSibhedlele iTygerberg** – esona sibhedlele sikhulu eNtshona Koloni nesesibini ngobukhulu eMzantsi Afrika – inkqubela ithe ngcembe ngentsebenziswano yecandelo likarhulumente nelabucala, kunye **nesibhedlele sommandla waseKlipfontein** esithathwa njengeyona projekthi ibalulekileyo ikwingqiqo kwaye isigaba seenkonzo zobungcali.

Utyalo mali lwethu lweziseko zophuhliso alujolisanga kwizitena nodaka kuphela. Isibhedlele **esiphumelele ibhaso kunye nenkqubo yolwazi longxamiseko yokulandela umkhondo, okanye iHECTIS** njengoko yaziwa ngokuqhelekileyo, yinkqubo yolawulo lwezigulane esekelwe kwiwebhu kumaziko kaxakeka kwaye yeyokuqala neyokugqibela yolu hlobo lwaye eMzantsi Afrika. Namhlanje iHECTIS inokufumaneka kumaziko ezempilo angamashumi amane ananye eNtshona Koloni. I-HECTIS ivumela iqela lethu lezempilo ukuba libe lisebe elikhawulezayo, eliqhutywa yidatha elidlala indima ephambili ekuthinteleni ubudlobongela kunye nokubeka iliso.

### **Ezothutho**

Ngokunxulunyaniswa ngokusondeleyo nesebe elitsha leziSeko zoPhuhliso liSebe lezokuHamba, elinikwe uxanduva wokukhangela iindlela ezintsha nezokuphucula ukushukumiseka, ukudibanisa uluntu kwingqesho namanye amathuba. Abantu kufuneka bakwazi ukuya nokubuya emisebenzini, ezikolweni, nakwizitno eziluncedo ngokukhuselekileyo nangokuthebekileyo.

Eli candelo elibalulekileyo loluntu lwale mihla oluphumelelayo, isitixo sokudibanisa abantu, ukuhambisa iimpahla, kunye nokuhanjiswa kweenkonzo phambili.

Kufuneka sihambisane neemfuno zothutho ezingxamisekileyo zoluntu.

Ngezothutho zikawonke wonke, ngokukodwa uthungelwano lukaloliwe lwabahambi, kumabhodlo, iSebe lezoThutho linomngeni omkhulu phambi kwalo lokufumana izisombululo sokubuyisela izithuthi zikawonke wonke endleleni.

Ulawulo olugwenza, ukungakwazi ukwenza umsebenzi, kunye nolwaphulo mthetho ziyiqhubele phantsi inkqubo yethu yezothutho loluntu endaweni yokubheka phambili. Abantu abaninzi, ingakumbi abasebenzi, babethwe kakhulu sesi sikhewu sezithuthi zikawonke wonke.

Ndichukunyiswe **kukuvulwa kwakhona kwenkonzo kaloliwe iEerste River – Bellville** phakathi kule nyanga iphelileyo. Ngaphezu kweminyaka emibini lo mzila ubuvaliwe, nto leyo eshiya amashumi amawaka abakhweli bekwimeko emaxongo.

Okwangoku, siza kuqhubeka nokutyala imali kwezinye iindlela zothutho kwaye kulo nyaka uzayo, siyavuya ukwazisa ukuba siza kuphehlelela isiGaba sesi4 yeprojekthi ye**Go George**.



Njengengxaki yombane, ingxaki yezothutho yoluntu yenye yezinto eze norhulumente kazwelonke.

Imiba ethe gqolo efana nokuphuhliswa kwenkonzo kaloliwe yabahambi kunye nokungakwazi kukarhulumente kazwelonke – namanye amaziko alawulwa ngurhulumente – ukubuyisela kwisimo sangaphambili le ndlela ibalulekileyo yokuhamba yinto exhalabisa kakhulu.

Ndilindele **ukubhengeza uMphathiswa omtsha wezoThutho** kwiveki ezayo.

Amanani okubhubha ezindleleni ngexesha leziyunguma **abonise ukwehla nge36.7% xa kuthelekiswa nexesha elidlulileyo**. Phantse ikhilomitha nganye yeendlela zephondo lethu zazigadiwe okanye zinamagosa ezendlela ajongene nokuvalwa kwendlela.

Ndifuna ukubulela kwaye ndibuyisane nabo bonke abasebenzi bethu bogcino mthetho wendlela kunye neearhente, kwakunye noogxa babo bolawulo bentlekele, ngokusebenza ngokuzikhanda ngeli xesha leeholide ezidlulileyo ekwenzeni iindlela zethu zikhuseleke.

Ndizibonele ngokwam umsebenzi onzima owenziweyo ekuqisekiseni ukuba abasebenzisi ndlela bakhuselekile kwaye baziphathe kakuhle ngoku bendityelele indawo yokuhlola izithuthi kwiTunnel yaseHuguenot kweyoMnga ophelileyo ngaphambi “kokungxamela” kwexesha leziyunguma.

Ubomi obunye obulahlekileyo busebuninzi kakhulu, nangona kunjalo. Ngelixa siqinisa amalinge ethu okhuseleko ezindleleni minyaka le, uxanduva lukwawela kuni, luntu, ukuba nenze okusemandleni enu ekwenzeni iindlela zethu zikhuseleke.

### **Ulwaphulo mthetho/uKhuseleko**

Ukuphuculaukuthotyelwa komthetho kunye nokhuseleko lwabemi bethu kuhlala kungumba ophambili. Ngokwenza uluntu lukhuseleke singenza imeko bume apho abantu banokuqonda iziphiwo zabo kwaye bachume. Ngokugcina uluntu lukhuselekile singadala imeko bume apho abantu banokuqonda iziphiwo zabo kwaye bachume, bengenaloyiko lokuba lixhoba lolwaphulo mthetho.

ISicwangciso soKhuseleko seNtshona Koloni sihlala isisikhokelo sethu esingundoqo ekulweni ulwaphulo mthetho. Sineengcombolo kunye nobugcisa, isicwangciso sisicwangciso qhinga esipheleleyo esingalwinje ulwaphulo mthetho kodwa sikwathatha indlela yohlalutyo, yenzululwazi ukuze kuhlalwe bephambili kwabaphuli mthetho.

Ulwaphulo mthetho luza nomngcipheko omkhulu kuhlumo lwephondo lwethu. Ukuba abantu boyika kakhulu ukushiya izindlu zabo xa besiya emsebenzini nasesikolweni, singayilindela njani inkqubela phambili? Amashishini kulindeleke ukuba asebenze njani kwiindawo ezigcwele imigulukudu apho ubundlobongela yinto eyenzeka imihla ngemihla?

Xa ujonga imeko yemithombo embalwa kwiNkonzo yesiPolisa yoMzantsi Afrika kwiphondo, uRhulumente weNtshona Koloni uye wangenelela. Olunye longenelelo lwethu oluphambili ibisisi**Cwangciso sokuQhubela phambili noNyanzeliso loMthetho (LEAP)**.

Ukusukela ngokusungulwa kwayo, iLEAP ibeyimpumelelo ebonakalayo. Eli nyathelo libone **abasetyhini namadoda** angaphezu kwe**1200** – njengoMncedisi oyiNtloko kunye noMhloli oyiNtloko uRonel Londt abakunye nathi namhlanje kwiNdlu yowisoMthetho - **bagaye, baqeqesha, baze batyala eluntwini** ebelukade lusokola ngamazanga aphezulu olwaphulo mthetho, ingakumbi ukubulawa kwabantu. Ndifuna ukuvakalisa umbulelo wam omkhulu kuni nakoogxa benu abangamalungu eLEAP ngenkonzo nangokuzinikela kwenu.

Njengendlela yethu yokusabela kwiCOVID-19, zonke iinzame zethu zokulungisa ubunzima bolwaphulo mthetho **zikhokeliswa zingcombolo kwaye zisekelwe kubungqina**. Oku kube sisikhokelo sesicwangciso qhinga sokuchasana nolwaphulo mthetho. Njengoko benditshilo kwimpendulo yeNtetho yoBume beSizwe kaMongameli ngoLwesibini, amanini abalisa ibali lawo. Nanga amanani **abantu ababuleweyo kunyaka mali ka2021/2022** ngokwamaphondo:

- eMpuma Koloni: 4 407, anyuke nge18.7%
- eFreyistata: 992, anyuke nge18.9%
- eGauteng: 5 570 anyuke nge36.6%
- eKZN: 6 495 anyuke nge34.6%
- eLimpopo: 1 012 anyuke nge41.1%
- eMpumalanga: 1 201 anyuke nge28.4%
- emNtla Ntshona: 1 029 anyuke nge40.2%
- emNtla Koloni: 366 anyuke nge27.5%
- eNtshona Koloni: 4 109 anyuke nge6.8%

Amanani ayatshabalalisa, kwaye kufuneka uzibuze ngala manani kutheni uMphathiswa wamaPolisa engabeki phantsi esikhundleni ngenxa yeentloni. Amanini atshabalalisayo akwatyhila ukuba **iphondo ekukuphela kwalo elibonisa umahluko yiNtshona Koloni**. Oku kungenxa yokwaziswa kwamagosa ethu eLEAP kwiindawo ekuxhapseke kuzo ukubulawa kwabantu. Xa ucalula kwakhona siyabona ukuba bekukho **ukuncipha nge8,2% kwizinga lokubulawa kwabantu kwikota yoku1** yonyaka mali **ka2022/23**, apho amagosa eLEAP asebenza khona.

Ngentsebenziswano yethu eluqilima neSixeko saseKapa, iLEAP ikwazilw ukugcina impumelelo yayo ngokwehlisa amanani okubulawa kwabantu kwikota yesibini ka2022/23.

**Ukubulawa kwabantu kwehlele kwezi ndawo zilandelayo kwikota yesibini ka2022** xa kuthelekiswa neenkukacha manani zexesha elinye zonyaka odlulileyo:

- eMfuleni (-32.3%)
- eKraaifontein (-15.6%)
- eGugulethu (-16.2%)
- eKhayelitsha (-9.4%)
- eHarare (-3.6%)

Kumele siqhubeke nokuqinisa le nkqubo kunye namaqabane ethu esisebenzisana nawo eSixeko saseKapa, amaqela agadileyo ekuhlaleni, amaqonga oluntu asebenzisana namapolisa, kunye neNkonzo yesiPolisa yoMzantsi Afrika. Ngentsebenziswano eluqilima indlela yethu "yokubonakala usebenza" yandiswa ziingcombolo kunye nobungqina obukhokelela kusetyenziso olungcono lwemithombo yokwenza umsebenzi wamapolisa. Rhoqo ngeveki aba basetyhini namadoda angamakrothi azinikeleyo asusa imipu nezinye izixhobo ezinobungozi ezitalatweni zethu. Ukusukela ngokusungulwa kweLEAP ngaphezu kwemipu engama**300 yahluthwa apho kutyalwe khona amalungu**. Uluntu lwethu luyamkele iLEAP, kuba lubone ifuthe eliyenzileyo.

Ngompu ngamnye oxuthiweyo, kusindiswa ubomi. Ngomntu omnye obanjwayo, abo bakhetha ukuphila ubomi bokwaphula umthetho banyanzeleka ukuba bajongane neziphumo zezenzo zabo. Kulo nyaka siphonononga inyathelo elitsha elinika imincili lokujonga umfuziselo wesikhululo seLEAP, kwaye ndiza kunika ingxelo ngakumbi ngalo loba.

### **UNikezelo lweSAPS**

Le mpumelelo ngomnye umboniso ocacileyo njengezinto ezinokuzuzwa ukuba sinokunabisa amagunya okwenziwa komsebenzi wamapolisa eluntwini abalusebenzeleyo, hayi kwiofisi ekude lee esePitoli.

**Ukunikezelwa kwegunya lokwenza umsebenzi wesipolisa** kurhulumente wephondo linyathelo nje elinye lokuthatha isigqibo sokumisa amazinga olwaphulo mthetho aphakamileyo eNtshona Koloni.

Ukuba besinokuthathela kuthi le nkonzo ibaluleke kangaka, uRhulumente weNtshona Koloni **angandisa uhlahlo lwabiwomali yenkonzo yesipolisa nokuqinisekisa ukuba imali** ichithwa kwizinto ezifana nokugaya amagosa amaninzi.

Mandigxininixwe, lo ayingomba wokulawula. Ngumba wokuphatha ngcono obu buchule bubaluleke kangaka. Ungokux**hobisa ngcono amapolisa**. Umlo wethu awukho nani bantu baqhelekileyo, amapolisa asebenza nzima atyalwe kwiindawo zokuhlala ezinobundlobongela, abeka ukhuseleko lwabo esichengeni ukuze abanye bazive

bekhuselekile. Umlo wethu ukunye nomphathiswa wamapolisa nokungathobeli miyalelo kunye nokungahoyi akubonisileyo xa kudutyulwa uninzi lwabantu, kubundlobongela obujoliswe kwisini esithile, kuxhwilwa abantu nokunye nobuqhetseba.

Siza kuqhubeka nokufaka uxinzelelo kurhulumente kazwelonke.. Umphathiswa wamapolisa ingakumbi kufanele abeke ecaleni ikratshi lakhe aze asivumele sithathele kuthi ulawulo lwenkonzo yesipolisa apha. Ndanelisekile ukuba ayindim **ndedwa iNkulumbuso yephondo efuna ulawulo olukhulu nokubeka iliso umsebenzi wamapolisa.** Njengoko ndenze njalo ngombane, ndiza **kusebenzisana nabo bonke oogxa bam bephondo sikhawulelane kangangoko neemfuno zabahlali bamaphondo ethu.**

I-SAPS yaseNtshona Koloni ayinamithombo nje emincinci kuphela, kodwa kukho ubungqina obuphazamisayo bokuba abanye abakwinkonzo **“babanjwe ngobhongwana” yimigulukudu.** Isigwebo seNkundla ePhakamileyo sonyaka odlulileyo singqina oko bekudala kurhanelwa luninzi lwethu: amaqela emigulukudu agqobhozele kwinkonzo yesipolisa eNtshona Koloni. Kanye aba bantu banoxanduva lokugcina abahlali bethu bekhuselekile nabo bayinxalenye yengxaki.

Ndinike uxanduva uNozikhhalazo wamaPolisa yeNtshona Koloni ukuba aphande lo mba. Ingxelo kaNozikhhalazo igqityiwe, kwaye ndingathanda ukunika ingxelo ngamanyathelo amabini alandelayo abalulekileyo endiwathathayo:

- Ngoku ndikwindlela **yokusungula iphaneli yabantu ababalulekileyo** bokwenza iziphakamiso ezithile ngendlela emasisabele ngayo kulo mhlaza otyhefe umsebenzi wethu wokupolisa kangaka; kwaye
- Njengesiqalo sokuqinisekisa ukuba isikhokelo sethu sokulwa ulwaphulo mthetho asichatshazelwa ziziqhamo zolwaphulo mthetho, urhulumente wephondo uza **kuxhasa ngemali ukuphicothwa kwendlela abaphila ngayo abakulawulo oluphezulu** ababandakanyeka ekulweni ulwaphulo mthetho kweli phondo. Sifuna ukuqinisekisa ukuba ngamazwi kaJaji Daniel Thulare loo malungu eSAPS “asetafuleni apho umKomishinala wePhondo weSAPS eNtshona Koloni ahlala khona nabaphathi bakhe abaphezulu” abangcoliseki. Ndiyakholelwa ukuba olu phicotho lwendlela abaphila ngayo luyinxalenye ebalulekileyo lomsebenzi wethu wokubek’ iliso.

Ubunzima bohlobo lolwaphulo mthetho bufuna indlela enzulu, edibeneyo nepheleleyo yokumisa lo mbhodamo. Ngeli xesha sibona iimpawu ezikhuthazayo kwimfazwe yethu yokulwa ulwaphulo mthetho, ngumzabalazo oqhubekayo ngoko ke kumele sithathe icandelo lethu lokuthntela ubundlobongela phambili.

**Asikwazi kulwa ulwaphulo mthetho ngokuqhubekayo kuphela; kufuneka siluthintele, siye oonobangela balo.**

Oku siyavuma ukuba kunzima, kodwa umngeni ngumngeni ekusafuneka siqubisane nawo. Ngo2022, **iCandelo eliThintela uBundlobongela** lasungulwa phantsi kwenkxaso yeSebe lezeMpilo neMpilontle lePhondo. Ngokugxile kwindlela yethu yobungqina bethu neseke ngeengcombolo ekuqubisaneni nolwaphulo mthetho sifunda izifundo zendlela zokusebenzisa ngcono imithombo yethu yezempilo neengcombolo zokulwa ulwaphulo mthetho. ICandelo **lixhotyiswe ngokuchonga nokuyila amangenelelo okuthintela ulwaphulo mthetho olunobundlobongela eluntwini lwethu.**

### **Ubundlobongela obujoliswe kwisini esithile nokubulawa kwabasetyhini: Phelisa umjikelezo wobundlobongela**

Omnye wemiba otshisa ibunzi nophazamisayo ojongene nephondo lethu, lo ungandilalisiyo ebusuku, uhlala ibubundlobongela obujoliswe kwabasetyhini nasebantwaneni. Ndamkela ngentliziyo eyaphukileyo ukufunyaniswa inetyala indoda eyabulala yaza yadlwengula uTazne van Wyk owayeneminyaka esi8 ubudala. Uluntu lonke kufuneka lusabele kwesi sibetho sibi!

Abasetyhini zintsika zephondo lethu, ngeli xesha abantwana kumele baxatyiswe kwaye bakhuselwe namhlanje ngazo zonke iindlela njengoko belingomso lethu.. Kuyingozi kunjalo, kunqabile ukuba kudlule usuku ngaphandle kwebali elihlasimlisa umzimba kwiindaba zethu zomntwana okanye owasetyhini onzakalisiweyo okanye obulelweyo.

Sisanda **kusungula iphulo lethu lokuchasa ubundlobongela obujoliswe kwisini esithile eKhayelitsha.** Linika ingqalelo kumba wokuphelisa ubundlobongela obungapheliyo, ingakumbi kwiimeko ezininzi apho ubundlobongela buthi bujoliswe kwisini esithile apho abantwana abangamakhwenkwe bathi babone okanye baxhatshazwe buqu bathi babuyele ekuxhaphazeni xa bengabantu abadala.

Ndiyathemba ukuba iphulo liya kukhokelela kutshintsho lwendlela yokuziphatha Phakathi kwamadoda namakhwenkwe. Xa sasisungula iphulo kwiifisi zeFAMSA eKhayelitsha, namadoda angaphezu kwe40, saweva esabelana ngeengcinga zabo ngesibetho sobundlobongela obujoliswe kwabasetyhini nakubantwana, ngeli xesha abanye baye bathetha ngamava abo buqu. Bonke bavuma ukuba baza kubuyeka ubundlobongela obujoliswe kwisini esithile, **thina njengamadoda kumele sithethe kwaye sithethe phandle.** Kubaluleke kakhulu kumadoda aye anamava obundlobongela okanye abengamakhoba kwiminyaka yobutsha babo bafune uncedo. Musa ukoyika. **Susa ikratshi lakho ulibeke ecaleni. Thetha nesizalwane, okanye nomhlobo. Funa uncedo lwengcali** ngokufikelela kwiinkonzo ezibonelelwa liSebe lethu loPhuhliso lweNtlalontleAuwedwanga.

Umaluleki ngokwengqondo weFAMSA, uChuma Mangxa, obezimase usungulo, ushwankathele kakuhle iinzame zethu sonke zokuphelisa ubundlobongela ngakwabasetyhini nasebantwaneni xa ebesithi, "Sibulala esi sibetho kwingcambu".

Iphulo elilwa ubundlobongela obujoliswe kwisini esithile lixhomekeke koonontlalontle bethu abangamaqhawe angakhunjulwayo. Usuku ngalunye bajongana neemeko ezimbi ezijongene nabahlali bethu abaninzi. Siyawuncoma umsebenzi obalulekileyo abawenzayo. Siyabulela ngokuncama ixesha lenu nincede abona bantu babuthathaka eluntwini lethu. Ndiyazingca ngokubhengeza ukuba phambili enyakeni, siza kongeza oonotlalontle abaninzi ze sizinikele kwiinkonzo zempilo yezengqondo.

Imfuno yeenkonzo zentlalo ngelishwa ayipheli. Kuluntu olungalinganiyo kakhulu, abantu abaninzi bawela emigibeni. Kuxhomekeke kuthi ukubanceda basukume size sibabonelele ngeenkonzo abazidingayo ukuze bafumane isidima sabo ukuze babe ngamalungu oluntu asebenza ngokupheleleyo.

Sikwenza oku ngoncedo lamaqabane ethu esisebenzisana nawo kwiNGO nakwicandelo labucala.

### **URhulumente weNgingqi**

Oomasipala bethu baphambili ekuhanjiseni kweenkonzo, kwaye nenkxaso abayifumanayo ku**basebenzi bethu abakumasebe kaRhulumente weNgingqi nakuNondyebo wePhondo ibaluleke kakhulu**. Ukuqinisekisa uzinzo lwabo, obelukade lingumngeni kwixesha lokunkinkishelwa umbane, kubaluleke kakhulu ukugcina izixeko needolophu zethu ezisebenza ngokugqibeleleyo.

Ngeli xesha siqubisana neningeni yangoku ejongene norhulumente wengingqi, kumele sijonge kananjalo kwimiba yembali. Ucalucalulo lushiye amanxeba anzulu kuluntu lethu oluninzi, asabonakala nanamhlanje. Iidolophu zethu nezixeko ngelishwa zisabonakalisa iiyantlukwano, ezisusa isidima ezadalwa luCalucalulo.

Isiphumo ibekukungalingani okunzulu nokukhulayo.

**Inkqubo yeeProjekthi zoQoqosho lweNtlalo lweNgingqi (RSEP)** ijolise ukuqubisana nesicwangciso sokuhlaliswa soCalucalulo ngokusebenzisana noomasipala kunye namasebe karhulumente ukuze kuchongwe iiprojekthi ezizakubanefuthe lokwenene neliza kuhlala ixesha elide kubulunga bobomi boluntu. Siyabulela kwibhanki yophuhliso iKfW nakurhulumente waseJamani ngenkxaso engapheliyo yokuthintela ubundlobongela, ukuphuhlisa idolophu neRSEP.

Linyathelo elinika ingqwalasela kuphuhliso abemi abasezidolophini-eliqwalasela ekuphuculeni **izikali zeendawo zokuhlala** kuluntu ezingafumani nkonzo kakuhle eNtshona Koloni.

**ISikhokelo soMgaqo nkqubo oQukayo seziNdlu** saseNtshona Koloni esiqalayo sinceda oomasipala baququzelele baze baqinise ukuqukwa kwamakhaya anakho kumaziko asedolophini, kuncedwe ekusondezeni abantu kufutshane namathuba oqoqosho nakwiinkonzo.

Ukwaziswa kwezindlu eziqakayp kunzima, kwaye kubandakanya abantu abadlala indima ebalulekileyo abaninzi.

Lo rhulumente uza kuqhubeka esebenza nzima ukuphelisa ukungalingani, avale umsantsa Phakathi koluntu ukuze kukhokelise ubandakanyo.

KuRhulumente weNtshona Koloni, imfuno yokwenza inguqu kwizixeko nakwiidolphu zethu ayixoxisi. Asinako ukukhuthaza ingqondo ka "Hayi ngaseMva eYadini Yam" size emva koko sibize abahlali ukuba basebenze nathi.

**Ulawulo lwentlekele** Ntshona Koloni isesichengeni sokusingatha iintlekele zendalo kunye nezenziwa ngabantu, kwaye siyazi ukuba njengoko uguquguquko lwezimo zezulu lukhawuleza, kuza kufuneka ukuba sisabele kwizehlo ezinobungozi ngakumbi. Kule veki, **aqondo emadamini ahle ngo50%** eNtshona Koloni, namathuba okuba imvula ingangaphantsi kwiavareji kobu busika, **kubalulekile ukuba sense amanyathelo okonga amanzi esazamkelayo kwimbalela yokugqibela kwisahlulo sethu semihla ngemihla esingunaphakade.** Kulo nyaka, sisungula iprojekthi yamanzi eluqilima, sixhasa ngohlahlo lwabiwomali lethu ekukhuseleni lo mthombo ubalulekileyo.

Abasabeli bethu bokuqala bolawulo lwentlekele badlala **indima ebalulekileyo kwiphondo lethu ekusindiseni ubomi nezisekelo ezingundoqo.** Xa abahlali bethu benyanzelekile ukuba bashiye amakhaya abo xa kufika intlekele, abasebenzi bethu bolawulo lwentlekele abangamakrothi balawula amagqange omlilo kunye nezikhukhula. Ngobukrothi babo nangokuzinikela kwabo, uluntu lwethu lukhuselekile. Kananjalo ndifuna ukubabulela **ngokuzimisela kwabo ekwabeleni ngamava** abo namanye amaphondo, afana neKwaZulu Natal emva kwezikhukhula ezatshabalalisayo kuTshazimpunzi.

Phakathi kwamanqanaba aphakanyisiweyo onkinkisho lombane, oluchaphazela ukubonelelwa ngamanzi, unyango lwamanzi angcolileyo, kunye namaziko ogutyulo lelindle, amagosa ethu karhulumente wengingqi asoloko ekulungele ubusuku nemini ukuthintela okanye ukunciphisa nayiphina into enokwenzeka.

**IZiko lePhondo lokuLawula iNtlekele** liza kuhlala lithe qwa ukuba ngaba unkinkisho lombane oluqatseleyo luthe gqolo kwaye lisoloko liqhagamshelana noomasipala kwiphondo ngokubanzi. Ukongeza koko, **isiCwangciso soNgxamiseko seNkqubo yoMbane sePhondo** sifuna isebe ngalinye lisungule amaQela okuSabela kaRhulumente weNtshona Koloni, akhoyo. La maqela ajongene nomsebenzi wokuqinisekisa ukuqhubeka kwemisebenzi xa kuthe kwakho ungxamiseko olukhulu.

### **Ulawulo oluhle lwenza ukuhanjiswa kweenkonzo lwenzeke**

Eli lizwe lisaliva ifuthe lwenkulungwanga yobumnyama phantsi kwentlekele ?? yokubanjwa ngobhongwane kukarhulumente kunye norhwaphilizo. URhulumente

weNtshona Koloni uthe gqolo kwaye engaphezi ukutyhalela emva ngakwabo baphembelele urhwaphilizo.

Sakhe urhulumente onokuthenjwa ngabantu, osekelwe kwimigqaliselo yethu. Siqinisekisa ukuba whi bathathelwa ingqalelo kwaye bakhuselwe. Ndibulela kakhulu kubasebenzi bethu ngokuqinisekisa ukuba kunyaka mali ka2021/22 i100% amasebe ephondo afumene **ingxelo yophicotho zincwadi ulungenamakhwiniba**. Olu lawulo luhle lusivumela ukuba sandise ukuhanjiswa kweenkonzo zthu kubahlali beli phondo.

### **Siphulaphule**

Ukuze siziphucule, kumele siqhubeke nokuphulaphula. Uthe uBryant McGill, “Enye yeendlela enenyaniso yokuhlonipha kukuphulaphula oko kuthethwa ngomnye umntu.”

Ndilityhutyhutyhutyhile iphondo kunyaka odlulileyo ndidibana noluntu, sibumba ubudlelwane kwaye sisungula iintsebenziswano ezintsha nobuhlobo. Kwisithuba sonyaka odlulileyo **ndafika ndingabhungisanga kwiisayithi ezibalulekileyo zokuhanjiswa kweenkonzo ndizokuqonda ngamava abahlali ngeenkonzo zethu**. Kunyaka mali ozayo, ndiye **ndagaya ukuxhasa ngemali iprojekthi eqwalasela ekuphuculeni inkonzo yabaxumi** nobuso obuboniswa ngurhulumente wethu kubahlali.

Ndiyazi kananjalo ukuba abemi bethu baqhagamshelane neqela lethu onlayini – Siyabulela kumaqela ethu athe aququzelela olu qhagamshelwano lwaonlayini ngeprojekthi yethu yebroadband enikezela ngeenkonzo **kwiisayithi** ezingaphaya kwe**1900 zeWCG WIFI** kwiphondo ngokubanzi.

Ndidibene nabona bantu bamangalisayo. E**Prince Albert**, ndaziswa kwiZiko loLutsha lePACTelinceda ekumiseleni umnyhadala womngqungqo ekuhambeni kwalo nyaka. ELaingsburg, sindwendwele indlu yokhuseleko yabasetyhini nabantwana abaye bafumana amava obundlobongela, elawulwa liSebe loPhuhliso lezeNtlalontle lePhondo leNtshona Koloni kunye nabasebenzisana nalo kwicandelo leNGO. . Ukudibana no “Mama weNdlu” wendawo yokufihla intloko noogxa bakhe, ukubona uvelwano lwabo bekuvuselela.

Ngexesha lokhenketho lwethu e**Mitchells Plain** kunyaka ophelileyo, ndapatrola ngobusuku neqela eligadayo lasekuhlaleni, ikakhulu olwenziwe ngabahlali abadala. Isenokuba ngabemi abadala, kodwa Amandla abo nokuzinikela ekuncedeni ukwenza indawo yabo ikhuseleke bekusosulela kwaye kundinike ithemba lokuba ngabantu abafana naba ecaleni lethu, abasebenza nathi, singakwazi ngeendlela ezincinci nezinkulu singawenza umahluko.

E**Matjiesfontein**, esembindini weKaroo, ndiye ndakhenketha umzimveliso womthombo wamanzi, oqesha ngaphezu kwedazini yabahlali.

Ndindwendwele amashishini amancinci afana ne**Siki's Koffee** eKhayelitsha, engaboneleli nje kuphela ngekomityi emangalisayo yekofu, kodwa nangeemboty



zekofu ezigcadiweyo nebonelela ngayo kwamanye amashishini amaninzi. Uminini wendawo, uSikelela Dibeka, wavula iSiki's yesibini eClaremont ngexesha likabhubhane, omnye umzekelo okhazimlayo womoya woshishino ongaphel'imoza okhuthazwa kweli phondo.

Iqela lam kunye nam simamelise ngononophelo kwiimbono zenu, iingcebiso kunye okubaluleke kakhulu imiba yenu kwiindibano zethu **zoolwezine bokuQala**. Ngeli nyathelo sizisa urhulumente wethu, kunye neSixeko saseKapa, kufutshane ebantwini.

Ubhubhane uphazamise inyathelo lethu leendibano zoolwezine bokuQala bethu ekuyeni endleleni. Kodwa kulo nyaka sithatha iindibano zoolwezine bokuQala endleleni kwakhona. Ebutsheni bale nyanga sayisingatha eMitchells Plain, kwaye ndijonge phambili ukuba iye kwiphondo ngokubanzi kulo nyaka. **Andikadibani norhulumnte othatha ubandakanyo oluqhelekileyo kunye noluvuleleke kangaka kubemi bakhe.**

Andizokuzityeshela izikhalazo zabemi. Kumele siphulaphule size sifunde kwimiba ephakanyisiweyo kuthi. Lo rhulumente ulawulwa ngokucacileyo kwaye apho sisilela khona, siza kuphucula.

Inyaniso kukuba asigqibelelanga, kodwa sithe gqolo sizama ukusebenza nzima nokwenza ngcono.

Kangangokuba nina bemi niphambili kwinto esiyenzayo, indlela enza ngayo uRhulumente weNtshona Koloni kunye nemigqaliselo ngokunjalo inendawo ephambili kumsebenzi wethu. Siza kuqhubeka nokuphila le migqaliselo kwaye sense konke esinako ukuyihlwayela kuni. Kumele silangazelele ukuba ngurhulumente nephondo elingcono.

### **Iphondo lethemba**

Somlomo, thina sifumana ukumkelwa ngumbane mihla le ndikhunjuzwa ngesihloko seWashington Post, esithi "Ulawulo lwentando yesininzi luyafa ebumnyameni". Andizokuvumela ulawulo lwentando yesininzi lubesebunzimeni. Endaweni yoko, **ukuzibophelela kwam kubahlali baseNtshona Koloni kukuba ulawulo lwentando yesininzi noqoqosho lwethu luza kuchuma.**

Siza kuqhubeka nokusebenza "**ngongxamiseko olukhulu olwenza izinto ngoku**"

Siya kwaye sizakuphendula, sicace, sisabele, size sikhathale njengorhulumente, size sibeke iimfuno zabemi bethu ezintliziyweni zethu, naxa sele sifakwa ebumnyameni bokwenene ngenxa yokucima kombane okuqhubekayo.

Uninzi lwabemi bethu bayasokola kwaye basebunzimeni. Bajonge kuthi ukuze sibancede kwaye sithathe inyathelo.

Nina, bemi, abantu beli phondo lingaqhelekanga niphambili kwinto yonke esiyenzayo, sisebenza namhlanje sisebenzala ingomso. Lo rhulumente “**uthe phithi ngabemi**”: sithe phithi ngokwenzela abantu bethu okungcono ukuze siqinisekise ukuba bonke abemi bethu bangafumana isidima nempilontle ebafaneleyo.

Kulo nyaka sityala indlela entsha, enobuchule ukubheka phambili.

Ngokuthi gqolo ngobuchule singaphucula senze ngamaxsha angoku indlela esenza ngayo oko sikwenzayo.

Sisebenza ngobulumko bongxamiseko, xa sijonga imingeni esifuna ukuyoyisa.

Kumele kwaye siza kuzama ukwenza ngcono njengorhulumente, ukuzisa amathuba amaninzi oqoqosho kubahlali bethu kwaye sense iphondo lethu indawo yokuchuma. Nisinike lo msebenzi unzima, kwaye asizokuphepha ekuyeni phambili ngongxamiseko nangokuzinikela.

Sinenyweba yokholo **nethemba abantu** beNtshona Koloni abalibeke kuthi kwaye luxanduva lwam olungagungqiyo lokujongana nongxamiseko olumandla lwangoku lokuhambisa iinkonzo.